# YINTONI EYENZA LUKHULULEKE

# ULONYULO

## YINTONI EYENZA ULONYULO LWETHU LUKHULULEKE LUNGABINAMKHETHE?

### Kukho imithetho ecacileyo elawula ulonyulo

Ilungelo labemi boMzantsi Afrika lokuthabatha inxaxheba kulonyulo olukhululekileyo nolungenamkhethe libhalwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika. UMthetho woNyulo (73 ka-1998) uchaza amalungiselelo alawula ulonyulo lukazwelonke nolwamaphondo. UMthetho woloNyulo looMasipala (27 ka-2000) uchaza amalungiselelo alawula ulonyulo loomasipala. Le mithetho ikwadwelisa iindlela zokuziphatha ezingekho mthethweni ngaphambi nangexesha lolonyulo.

### Ivoti yakho igcinwa iyimfihlo

Abavoti banokuthabatha inxaxheba kulonyulo ngaphandle kokoyika ukuba baziwe ukuba bavotele bani.

### Ulonyulo lubanjwa rhoqo

Abemi boMzantsi Afrika bavota kulonyulo lukazwelonke, kolwamaphondo, nakulonyulo loomasipala. Ulonyulo ngalunye lubanjwa rhoqo kwiminyaka emi-5.

### Ungazikhethela

Kukho amaqela amaninzi ezopolitiko onokukhetha kuwo. Nabani na angaseka iqela okanye abe ngumgqatswa kulonyulo kwaye angaxhasa okanye abe lilungu lalo naliphi na iqela lezopolitiko.

### Wonke ubani obhalisele ukuvota angavota

Igama lomvoti ngamnye obhalisileyo liyavela kuluhlu lwabavoti. Ngabavoti ababhalisileyo kuphela abanokuvota. Ukuba akukwazi ukuba kwisithili sakho sovoto ngosuku lonyulo ungafaka isicelo sevoti ekhethekileyo ekuvumela ukuba uvote kwisikhululo sakho sovoto ngaphambi komhla wolonyulo.

### Inkqubo yolonyulo ayithathi macala

Unyulo luqhutywa yiKomishoni yoloNyulo eyintlangano ezimele geqe kurhulumente. Ayikhethi okanye ixhase naliphi na iqela lezopolitiko. Ulonyulo luvulelekile, lunenkqubo zalo eziphandle yaye aluphenjelelwa nguye nawuphi na umntu okanye iqela. Amaqela ezopolitiko nababakhi-mkhanyo bayakwazi ukuqwalasela  inyathelo ngalinye lenkqubo yolonyulo.

**Enye yezona nkalo zibalulekileyo zolawulo lwentando yesininzi olusebenzayo kukuba abemi belizwe banelungelo lokuvota nokukhetha iinkokeli zabo. Ukuze oku kwenzeke, kufuneka ukhetho lube lolukhululekileyo nolungenamkhethe.**

**IKomishini yoloNyulo ilawula ulonyulo lukazwelonke olwamaphondo noloomasipala kuquka uvoto lukawonkewonke eMzantsi Afrika. Owona msebenzi  obalulekileyo  weKomishoni kukuqinisekisa ukuba ulonyulo lukhululekile kwaye alunamkhethe.**

**Ukususela ngowe-1994 lonke ulonyulo loMzantsi Afrika lubonwa njengolukhululekileyo nelungenamkhethe ngabaphuma kweli nakumazwe-ngamazwe.and international stakeholders.**

IEC SOUTH AFRICA

## Amaqela nabagqatswa bangagaya ivoti ngaphandle kokoyika

Kukho ukuhlonelwa kweembono zabanye abantu yaye kukho ingxoxo-mpikiswano ekhululekileyo phakathi kwabantu.

## Onke amaqela ezopolitiko amkela isiphumo sokugqibela solonyulo

Nabani na uvumelekile ukuba aphikise iziphumo ezivakalisiweyo zolonyulo. IKomishoni yoloNyulo yenza uphando ize ithabathe isigqibo. Nabani na ongenelisekanga seso sigqibo unokuya kwiNkundla yoloNyulo yona inokuwisa isigwebo kuzo zonke izikhalazo zolonyulo.

## Kukho umgaqo wokuziphatha omele ulandelwe ngumntu wonke ngaphambi, ngexesha lolonyulo nasemva kolonyulo olo

Onke amaqela ezopolitiko athabatha inxaxheba kulonyulo kufuneka atyikitye aze amkele uMgaqo Wokuziphatha woloNyulo obeka imigaqo yolonyulo olukhululekileyo nolungenamkhethe.

**Phakathi kwezinye izinto, amaqela ezopolitiko nabagqatswa bayavuma;**

- ukukhalimela ubundlobongela bezopolitiko nezisongelo ezijoliswe kwamanye amaqela, iKomishoni yoloNyulo, amalungu okuhlala namajelo osasazo;
- ukunxibelelana nabasemagunyeni namanye amaqela ezopolitiko ngeziganeko ezicetyiweyo zezopolitiko;
- ukusebenzisana neKomishini yoloNyulo ukuyivumela ukuba yenze imisebenzi yayo;
- ukwamkela iziphumo zolonyulo okanye acele umngeni weziphumo enkundleni.

**Akukho mthethweni kuye nabani na:**

- ukuthintela omnye umntu angathethi nabanye abavoti;
- ukuphazamisa ilungelo lomvoti ngexa evota;
- ukusebenzisa ulwimi oluqhwaya udushe;
- ukoyikisa abagqatswa okanye abavoti;
- ukunika umntu nawuphi na umvuzo ukuze avotele iqela elithile;
- Ukususa okanye ukutshabalalisa imifanekiso exhonyiweyo yamaqela opolitiko;
- ukunyoba okanye ukuphembelela igosa leKomishoni yoloNyulo ngexa lisenza umsebenzi walo;
- ukuthintela iKomishoni yoloNyulo ngexa isenza umsebenzi wayo wokuqhuba ulonyulo.

**UKUBA UBANI WAPHULA IMITHETHO ELAWULA ULONYULO UNOKUDLIWA IMALI OKANYE APHOSWE ENTOLONGWENI KANGANGEMINYAKA ELISHUMI. AMAQELA EZOPOLITIKO APHULA LE MITHETHO ANOKUDLIWA IMALI AZE AYEKISWE UKUSEBENZA KUMMANDLA LOWO. KANTI NEEVOTI ZAWO KULOMMANDLA ZINOKUCHITHWA.**

### Ngokuphathelele kwiKomishoni YoloNyulo

IKomishoni yoloNyulo liziko elizimeleyo elingenamkhethe elisekwe ngokweSahluko se-9 soMgaqo-Siseko. Lilawula unyulo lukazwelonke, olwamaphondo noloomasipala. Liqinisekisa ukuba ulonyulo luqhutywa ngendlela eyiyo ekhululekileyo nengenamkhethe.


### IOfisi kaZwelonke

Tel: 012 622 5700
info@elections.org.za
www.elections.org.za
**IZiko Loqhagamshelwano: 0800 11 8000 (ebudeni bonyulo)**

Silandele:

### Qhagamshelana neeOfisi zePhondo

| | |
|---|---|
| EMpuma Koloni: | 043 709 4200 |
| EFreyistata: | 051 401 5000 |
| EGauteng: | 011 644 7400 |
| KwaZulu Natal: | 031 279 2200 |
| ELimpopo: | 015 283 9100 |
| EMpumalanga: | 013 762 0640 |
| KuMntla Ntshona: | 018 391 0800/5 |
| Kumntla-Koloni: | 053 838 5000 |
| ENtshona Koloni: | 021 910 5700 |


isiXhosa